


INGQIBELELO

 . . . Nokuba sibelapha ukuza kunqula kunye nani. Kwaye ngoku nje ngaphambi koMyalezo, ndinomhlobo wam olungileyo apha eqongeni ngokuhlwanje, uGqirha uLee Vayle, ovela kwelokuQala lamaBhaptizi ibandla eliseLima, eOhio, nowaye engomnye wabaxhasi bam kumhlangano waseLima. Ndimcelile, esehla ngokuhlwanje, ukuba ebengenakukhe abhekise ilizwi ebandleni, mhlawumbi mayela nomhlangano waseLima, kwelilandelayo ithuba okanye amabini. Kwaye ndiyavuya ukuba, ndiyavuya ukwazisa kuni ngokuhlwanje, uGqirha Lee Vayle, omnye umBhaptizi onoMoya oyiNgcwele.

² [Umzalwane uLee Vayle uthetha isithuba semizuzu elishumi elinesine, engqina ngabantu abaninzi abaphilisiweyo.—Umhl.] Amen. UThixo akusikelele, Mzalwane uVayle, nawe.

³ Oko konke kuthande ukomelela kowomBhaptizi umelusi, akunjalo? Kuhle, siyavuya kakhulu ukuba sibenoMzalwane uVayle kunye nathi. Kwaye ngokuqinisekileyo iminyango ivuliwe ukuba aphinde abuye asindwendwele nangaliphi ixesha enako. Kwaye ngoku ngokuhlwanje . . .

Ngomso ngokuhlwa kuyakube—*UkuNgcwatywa* kweNkosi uYesu.

⁴ NgeCawa ekuseni kuyakubakho eyentsimbi yesithandathu yokuphuma kwelanga inkonzo. Kwaye ndiyakholwa umzalwane sele ekwazisile okupheleleyo malunga nenkonzo.

Ngoku masithandaze nje okomzuzwana.

⁵ Nkosi esikelelekileyo, elaKho iLizwi liyiNyaniso, kwaye siyabulela ngamadoda aLiphathayo, engoyiki, njengokuba eLikhupha ukulisa ebantwini. Kwaye njengokuba sivula iBhayibhile ngokuhlwanje, okanye sibuyisa umva amaphepha Ayo, wanga osikelelekileyo uMoya oyiNgcwele angeza avule iLizwi lokuqonda kuthi. Ngaye uYesu Kristu, siyayicela. Amen.

⁶ Obu bukhulu ubusuku esibubhiyozayo, bokubethelelwa emnqamlezweni kweyethu esikelelekileyo iNkosi, ndinqwenela ukufunda ngokuhlwanje okuvela kweYeyaKhe imilebe exabisekileyo, amaZwi athe Wawabhala eNcwadini yaKhe. KoNgcwele uMateyu, ese-4 isahluko, si . . . kwaye owama-47 nama-48 umqolo, sifunda oku:

Naxa nithe nina nabulisa abazalwana benu bodwa, yintoni na nina egqithisileyo eniyenzayo? abenjenjalo yini na nababuthi berhafu?

Kodwa yibani ngabagqibeleleyo, njengokuba uYihlo osezulwini ugqibelele.

⁷ Yaye ngokuhlwanje sikhuphile ukuba sizakuthetha kumxholo we- *Ngqibelelo*. Ngoku si...Eso sikhangeleka njengesingaqhelekanga isihloko esinokuthatyathwa ukwenzela ubusuku bokubethelelwa emnqamlezweni kweNkosi yethu. Kodwa namhlanje, mhlawumbi, ubumamele unomathotholo, waze weva imiyalezo eyahlukeneyo nabathunywa, indlela abadandalazise ngayo oluya lubi kakhulu usuku xa eyethu iNkosi yathi yafela izono zehlabathi. Ke ndikhethe, kusihlwa nje, ukuba ndijikele ngandlela yimbi, ukuya kuyo, ngoko iyakuba nomahluko kancinci kwaye mhlawumbi iyakunihlaziya kancinane. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele osikelelekileyo angaliphembelela iLizwi ngoku njengoko sithabatha umgudu wokuLizisa.

⁸ UThixo ufuna ingqibelelo. Sifuna ukugcina oko engqondweni, ukuba akukho nto ingaphelelisanga eyakuya eBukhoneni bukaThixo. Kumele igqibelele, unqulo lwethu, yonke into.

⁹ Ngoku, emyezweni wase-Eden, uThixo wayenoAdam noEva emyezweni. Baza bona bayigqitha imithetho kaThixo, ngokona, ukungathobeli. Kwaye xa isigqitho sifika, ukungathobeli kukugqitha umthetho. Kwaye umthetho kaThixo, Yena ekubeni engcwele, nje obungakrexezwanga ubungcwele, ngoko ke akukho chaphaza lakungabikhongcwele eliyakuze lime eBukhoneni baKhe. Ke, ukuba isono seza ehlabathini ngesigqitho, ngoko ke isono kumelwe kuqutyiswane naso ngaphambi kokuba umoni angaze eme eBukhoneni bukaThixo.

¹⁰ Ngoku, ukuba akukho mthetho, ke akukho bulungisa. Kodwa umthetho wawufuna, okanye, ubulungisa bufuna umthetho. Nawo ke umthetho, xa uthe wa—wasetyenziswa, uvelisa ubulungisa.

¹¹ Ngoku, ngomthetho, akukho nyama isindiswayo. Ngoku, umthetho awunako ukusisindisa. Umthetho ubuyeyona nto nje ibisifaka entolongweni, kodwa awunawo amandla okuhlangula. Umthetho ubusibonisa nje kuphela ukuba singaboni, kwaye usigweba. Yilonto umthetho omele ukuyenza. Kukuzisa ukugwebeka, okanye ukukubonisa apho impazamo yakho ikhoyo. Ke umthetho, ngokwawo, ubungenako ukusindisa. Ubutshutshisa nje qha.

¹² Kwaye uThixo, ekubeni engongcwele nelungisa, kwafuneka Yena abenotshutshiso. Kwafuneka Atshutshise umoni ngoba etsibe ngaphaya kwemida yobabalo, waza waba ngummi osisaphula-mthetho. Ngoko, kumele kuqutyiswane naye.

¹³ Kwaye wonke umthetho unesohlwayo, kuba, isohlwayo sokugqitha okaThixo umthetho kukufa. Kwaye kwafuneka ukuba uvelise ukufa kulo uhlanga loluntu. Kwaye lonke uhlanga loluntu luphantsi kwesohlwayo salomthetho.

¹⁴ Ngoku, xa uAdam noEva bathi bona, kwakungekho ndlela, lingekho elinye ichiza lokuba bangaze beme eBukhloneni bukaThixo kwakhona, ngaphandle kokuba esisono kuqutyiswane naso. Kwaye akukho mntu unakuze enze naluphi na uhlobo lwesono, nokuba sincinci okanye sikhulu kangakanani na, esa sono ngasinye kumele kuqutyiswane naso phambi kokuba lowo usenzileyo angaze eme eBukhloneni boThixo oNgcwele.

¹⁵ Ke, ngoko, xa uAdam no-Eva bathi bona baze bawugqitha umthetho, babengamakhoba okufa. Kwaye umthetho kwakufuneka wenziwe, ngokoke wabeka lonke uhlanga loluntu phantsi kwesohlwayo sokufa. Ngoku ukuba besinokukhe sizole okwembalwa imizuzu ngoku, ezingcingeni zethu, size sijonge lo mkhulu umfanekiso, kwaye sikhumbule ukuba wonke umntu olapha ubandakanyiwe kulento. Yonke indoda nomfazi, umntwana, ubandakanyiwe kwisohlwayo sokufa, ngenxa yesigqitho sentloko yohlanga loluntu, uAdam; ngesigqitho sakhe, sonke ngabanye kuthi sabangamakhoba esono.

¹⁶ Kwaye isono kumele kuqutyiswane naso. Ke ngoko, uThixo, kobaKhe obukhulu ukungabinasiphelo nolwaKhe olukhulu uthando. . . Umthetho wawuzakwahlula umoni kuMenzi wakhe; ngoko enziwe angabisabakho, okupheleleyo ukungabisabakho, kwakungasayi kubakho ndlela yokuba yena aphinde abuye ngaphandle kokuba kuqutyiswane nesasono. Kwaye bekuyakuba lula kakhulu ngoko ukukholwa ekwenziweni angabisabakho ngokupheleleyo umoni ekugqibeleni, ngoba yena ngokupheleleyo, wahlulwe naphakade kuBukho bukaThixo.

¹⁷ Ngoku qwalasela esisono. Nendlela awathi uThixo, ekubeni elilungisa, kwaye Wayengenakho ukwenza enye into kodwa ukuba lilungisa, kuba Ungumthombo wabo bonke ubulungisa, kwaye Yena ebengasayi kubananto yimbi yokwenza kodwa ukubeka isohlwayo saso esi isigqitho. Kwaye isohlwayo yayikukufa, ngoba Wathi, “Mhlana nadla kuwo, ngaloo mhla nina ngokuqinisekileyo niyakufa.” Ngoku, sinomfanekiso omnyama apha.

¹⁸ Kodwa ukuba sibuyela umva nje kancinane ukuhambela, sifumanise kwa ezona zibonakaliso zikaThixo, iBhayibhile isixelela ngokucacileyo ukuba “uThixo uluthando.” Kodwa nangoko, ekubeni eluthando, Yena kusafuneka elilungisa. Ke, uthando aluthethi nje into engambambazelwa kudlalwe ngayo. Uthando bubulungisa bukaThixo.

¹⁹ Ngoku, xa uThixo ebonile ukuba abaKhe abantwana bawugqithile owaKhe umthetho, nokuba bamelwe kukufa ukufa, ngoko oluzimeleyo uthando lwathabatha inyathelo lokwenza indlela. Kuba, uThixo ebonile ukuba aba bantwana babezakuthi ngokuqinisekileyo, benziwe bangabikho ngokupheleleyo eBukhloneni baKhe. Kwakungekho nto ingenye

eyayinokwenziwa, kuba babewugqithile umthetho waKhe, kwaye isohlwayo somthetho waKhe yayikukufa.

²⁰ Lwaza ngoko uthando lukaThixo lwaphumela abangabaKhe. Kwaye xa uthando oluNgwele luthe lolulelwa, oluzimeleyo ubabalo luelisa eyona nto iyeyothando. Waza uThixo, ngolwazi lwenxa engaphambili, xa wathi Wathanda uhlanga lwaKhe kakuhle; nangoko, kukho isohlwayo, Wabangela ukuba ukufa kwenye into endaweni yomnye kuthabathe indawo emyezweni wase-Eden. Oko kwaba, Wafaka endaweni yabo esingenatyala isidalwa, imvana encinci engazani nasono, yaza yayakuma endaweni yabo, ukusebenzela nokufa endaweni yonetyala umoni. Kwaye yayiyimvana, ixheliwe, ukubamba ubomi babo bangabaKhe.

²¹ Konke ukunqumla kwiTestamente eNdala babenikela ngegazi lezimvu neleebhokhwe, iigusha, iinkunzi zenkomo namathokazi, ukufa endaweni yomnye. Kodwa, konke kolukhulu uqoqosho lukaThixo, kwakukho emva engqondweni yaKhe esoqobo iSiqu esasisiza, nesasiza kuba. . . Zona yayi zizithunzi zeSiqu soqobo esasizakuza. Kwaye uqobo lweSiqu lwaluzakuza, lwaye lungowaKhe ekuphela kwamzeleyo uNyana. Zonke izimvu ezafayo zazi sisithunzi kuphela. Saye sona isithunzi silicala nje lomfuziselo wesiqu. Kwaye zona zazithetha kuphela ngeKhalvari ezayo.

²² Ngoku ukwenzela umfanekiso walento, masityhile kwiiBhayibhile zethu, kwiNcwadi yamaHebhere, size sichole apha oko uPawulos, omkhulu umpostile ethetha, ezama ukusahlulela ezi zinto. Kwese-10 isahluko seNcwadi yamaHebhere, sifunda oku.

²³ Kwaye nje ndiyalithanda iLizwi! ILizwi liyiNyaniso. Ndaye ndiyathanda ukuLifunda phambi kwebandla lam, kuba ndisazi ukuba emgwebeni ndiyakuma nabo. Ndaye ndimelwe kunika impendulo. Ke ukuba ndiLizisa liphuma eLizwini, ngoko andisayi kubanatyala; kuba Lona liLizwi, kwaye uThixo unoxanduva ngeLizwi Lakhe.

²⁴ Sibona okuninzi namhlanje, okwabavangeli nanjalonjalo, kusakheka kurhangqe iziqu. Owu, iyinto elihlazo! Yaye siyafumanisa, ekungeneni emabandleni, siya enkonzweni uze ufumane othile umelusi, enesenzwana esincinci esikhethekileyo ngaye, ethile encinci imvakalelo. Ukuba awuqwalaseli, lilonke ibandla uyakuthabatha loomoya. Ukuba nje yena unemvakalelo encinci, okanye ugeqezisa intloko yakhe, okanye ethile encinci into ekhethekileyo, kuhle, ibandla lonke liyakuthabathekela kulonto. Saye sinazo, namhlanje, kwiinkonzo zethu zalemihla, apho ibaziimvakalelo kunye nezinto ezincinane ezinjalo. Kwaye iqulethe olunjani ubhideko! Kodwa, owu, bazalwana bam abathandekayo, ukuba kwakha kwakho ixesha lokuba sibeseLizwini, kunamhlanje!

25 Niyabona, ndingakuzonda ukuma emgwebeni ndize ndazi ukuba bendinentwana yobuwexuwexu obuthile besityhilelwana esingaqhelekanga, ndaza ndakhohlisa abantu. Andifuni ukuba bona babenomoya wam kwisenzo sam, kodwa ndifuna babenokaThixo uMoya ngelikaThixo iLizwi, elivelisa iNyaniso.

26 Ke kulo mkhulu umcimbi wangokuhlwa nje, ndingathanda ukufunda okusuka kwelikaThixo elinguNaphakade iLizwi. Ngoku siyaqonda ukuba umthetho ubekho iminyaka emininzi, kodwa umthetho ubungazange ubenako ukusisusa isono. Njengoko besele nditshilo, wona nje ubuyindlu yentolongo. Ubungumcuphi omkhulu obeye akuxelele oko ukwenzileyo, kodwa ungenalo ichiza lokukukhulula. Ubukubeka nje kwivenkile kamathengathengisa, kodwa bekungekho Mhlawuleli wokukukhupha, nawo. Ubukuvalala nje qha, ngokukwazisa ukuba unguni. Kodwa ngoku qaphela kumaHebhere, ese-10 isahluko, njengoko sifunda.

Kuba umthetho unesithunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo ezizakubakho, ungenaso sona isimilo sazo izinto...

27 Khumbula, ubusisithunzi somfanekiso ozayo. Isithunzi sazisa nje kuphela ukuba kukho umfanekiso owenze isithunzi. "Isithunzi sezinto eziza kubakho, ingebubo ubuqu bomfanekiso." Qwalasela, "esezinto..."

... isimilo sazo izinto, awuze ubenako ngaloo madini bawasondezayo... ngokungapheliyo ukubenza abo basondelayo bagqibelele.

28 Ngoku, uThixo, ekuqalekeni, wayefuna ingqibelelo. UYesu, xa Esiza emhlabeni, wathi, "Yibani ngabagqibeleleyo, njengokuba uThixo eZulwini egqibelele." Nawo umthetho, unesithunzi sezinto ezizakubakho, awuzange ubenakho ukwenza umnquli agqibelele. Niyawufumana umfanekiso? Ngoku masiyiphinde kwakhona ukuze niqiniseke ukuba anyiphosi. UThixo ufuna obugqibeleleyo ubungcwele. Akukho bani unokuma emfanekisweni Wakhe, abe enesuntswana lesono. UYesu wangqina kwalonto inye, waze wathi, "Yibani ngabagqibeleleyo, njengokuba noThixo eZulwini egqibelele."

29 Kwaye iBhayibhile yathi, "Umthetho wawungenakuze ubenako, kunye namadini awo, ukumenza onondelayo agqibelele." Ngoko, umthetho wawungenako ukugqibelelisa nanyiphi na into. Wona nje wawukhomba. La madini, enziwa minyaka le, ayengenakuze enze umnquli agqibelele. Ke ngoko, akukho bani phantsi komthetho, okanye ugcina imithetho, okanye phantsi kwezithunzi, unako ukugqibelela.

Ngoba (kowe-2 umqolo) anga engayekwanga na ukusondezwa?...

30 Ukuba kukho nantoni na endingayenza ukuzenza ndigqibelele eBukhoni bukaThixo, ngoko uKristu

kwakungadingeki ukuba andifele. Ukuba kukho nantoni na onokuyenza, ukuze ikuzuzele nantoni eBukhoneni bukaThixo, ngoko uKristu wafela ilize. Akukho gcino-mthetho, akho zimbono zakho zamthetho, nabunye kobubobakho ubungwele, akukho zinto onokuthi wakuyeka ukuzenza, uyeke ukuxoka, uyeke ukweba, uyeke ukutshaya icuba, uyeke ukuya kwimiboniso yemifanekiso bhanyabhanya, noko kunjalo ulahlekile. Akukho nto inokuyenza! Ukuzibandakanya namabandla, amasiko, iinkonzo zamatheko, iimbhaptizo, ucwangco lwebandla, ufundo lwemigaqo, ukucengeceleza imithandazo, zonke ezo zinto aziyikubalelwa nto. Ulahlekile! Akukho nenye into onokuyenza ngokukokwakho, ngoba ungumoni ophantsi komgwebo. Kwaye akukho kwandlela ngaphakathi kwakho, okanye nayiphi na imvumo-nkolo, okanye nayiphina into onokuyenza okanye uyicinge, eyiyeyakho, enokuze ikuzuzise into enye eBukhoneni bukaThixo, ngokuba ungumoni indawo yokuqala.

³¹ Kwaye iBhayibhile iyadandalazisa, ukuba sonke sizalelwe esonweni, sabunjelwa ebugwenxeni, seza emhlabeni sithetha ubuxoki. Kwaye uThixo wayengenakuze athabathe omnye umntu ukuba afele ongomnye, ngokuba elowo unetyala kanye njengokufana nomnye. EBukhoneni bukaThixo, ubhishophu omkhulu ozalelwe kwelihlabathi wayenetyala kanye njengeyona iphantsi impukane yesebhareni esixekweni. Omnye akanako ukucamagushela omnye.

³² Ngoko ke, Yena wathabatha obungenatyala ubomi besilwanyana, encinane imvana. Kwaye phantsi kweNdala iTestamente, umthetho wawusithi, xa ubani ethe wona, wayezisa imvu esibingelelweni. Masithi ukuba ugqithe nawuphi na umthetho, wayezisa imvu ayibeke esibingelelweni, abeke izandla zakhe phezu kwemvu aze avume izono zakhe, ukuba uphosisile futhi uyazi ukuba unetyala. Owe... naye waye... Umthetho wawufuna ukufa. Waza yena weza nemvu endaweni yakhe. Kwaye xa yena... Umqala wesincinane isilwanyana wawunqunyulwa, ize iqalise ukukhaba ngenyawana zayo, ibe ikhala. Ukuba wakha wayibona imvu ixhelwa, esinjani ukubalusizi isikhalo! Usizana lomfo omncinci luzama ukukhala, ube omncinane umthambo wegazi wakhe wentamo uqhawulwa. Abe njengokuba ekhaba egubha, aze njengokuba ezolula, aze agubhe kwakhona akhale. Libe igazi litsaza, limanzise uboya bakhe obuncinane kunye nezandla zomnquli.

³³ Aze njengokuba umnquli eqonda, ngenxa yokukrexeza, ngenxa yokuxoka, ukweba, nokuba ityala lakhe laliyintoni na, okanye nkqu ukuba neengcingane ezikhohlakeleyo, nokuba kwakuyintoni na kwesincinci isithunzi, wayenetyala, ngoba oko kwakuyimvelo yakhe. Waye engumntu onetyala, hayi mhlawumbi ngenjongo, kodwa ngemvelo waye enetyala. Kwaye

kwakufuneka aqonde ukuba le incinane imvana ife endaweni yakhe. Kwaye wayeye ayisizele lonto incinanana.

³⁴ Kodwa indoda, kwakamsinya nje yakuba imvana ithe yafa, inegazi lemvana ezandleni zayo, yayiphuma kwisakhiwo ise kwanalamnqweno mnye entliziyweni yayo, lowo ibinawo ekuqaleni. Kutheni? Ngoba ubomi obe bukwimvana encinane . . . Ubomi busegazini. Ubomi bakho busegazini lakho. Siyayazi lonto. Kwaye ke ubomi obusegazini lemvana ibibobesilwanyana ubomi, ngoko ke xa emincinane imithambo yayo ithe yaqhawuka baza ubomi baphuma kwisilwanyana, bebungenako ukubuyela kumnquli, ngoba umnquli waye engumntu.

³⁵ Igazi lenza ukogquma, kodwa lalingenako ukucamagusha ngokugqibeleleyo; ngoba umntu wayephuma kwisakhiwo, esenalamnqweno mnye wokona, njengoba ebenawo ekuqaleni. Kodwa, ekwenzeni oku, wayekhangele phambili kwixesha apho egqibeleleyo iMvana ibiyakuza. Kwaye wayeyenza ngedini elitshisiweyo, kuba kwakukuphela kwendlela azi ngayo.

³⁶ Ke, niyabona, xa igazi laliphuma, buze ubomi bumke esilwanyaneni, bebungenako ukubuyela emntwini; kuba, enye yayisisilwanyana, omnye ingumntu; isilwanyana esingenatyala, ukuya konetyala umntu.

³⁷ Kodwa, owu, ngenye imini, kwisithuba samabini amawaka eminyaka eyadlulayo, iMvana kaThixo yazalwa ezantsi kwesincinane isitali eBhetelehem, kwaye yakhokelwa njengegusha isiya kuxhelwa. Kwisithuba seshumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, ngale imvakwemini, ngenzimbi yesithathu Wafa. Yaza engenachaphaza, nengenakusoleka iMvana kaThixo yalenga kowaseKhalvari umnqamlezo yaza yafela wonke umoni. Ngoku xa umnquli esiza kule iMvana, ngokholo! Kwaye olu lolwahlukileyo uhlobo lweMvu. Le iMvu ayifani nezinye.

³⁸ Akukho bani unokuza kule iMvana, engathanga uThixo amtsale kuqala. Niyakubona ukuzimela-geqe kukaThixo? Owu, ndiyathemba oku kuntywiliselekela ezantsi nzulu ngoku. Jonga. UThixo wayesazi ukuba Unezimvu kwelihlabathi. Wayesazi ukuba Wayezakuba nabantu bokusindiswa, lwaza uthando Lwakhe lwakhangele ezantsi lwabona abo babenokusindiswa; kwaza ke, ngokolwazi lwenxa engaphambili, Wamisela ngenxa engaphambili iBandla eliyakuhlangana Naye ngaphesheya, lingenabala namibimbi. Kwaye ukuba uThixo wafuna iBandla elingenabala namibimbi, Wayezakufuneka abe nento ezakulenza libe yilondlela. Wayengenakuyifuna, obaKhe ubulungisa, eyaKhe imigwebo ibingenakumvumela Yena afune enjalo into ukuba kwakungekho ndlela yakuyenza.

³⁹ Kwaye umntu akanako ukuyenza ngokwakhe. Ungosilelayo ngokupheleleyo. UThixo wamvumela akubone oko ngawo umthetho, ngabo abagwebi, nakwangayo yonke Endala

iTestamente. Wathumela abaprofeti, Wathumela indoda elilungisa, baza bafumanisa ukuba elowo ngamnye kubo wasilela.

⁴⁰ Ke, uThixo, ngalo olwaKhe ubabalo oluzimeleyo, wathumela, ukusuka kumasango oZuko, owaKhe ekuphela kwamzeleyo uNyana, ukuzakuthatha indawo yethu.

⁴¹ Khumbulani, ukuba Wayenokuthi mayithathwe yipopu yaseRoma, wayengenakuyenza. Ukuba Wayenokuthi mayenziwe ngubhishopu omkhulu waseCanterbury, wayengenakuyenza. Ukuba Wayenokubiza koyena ungwele utata umfundisi okanye ubhishopu wehlabathi, wayengenakuyenza. Wayeyakuba ngoyena wakha wakude ekuchasweni njengoba noJudas Iskariyothi wayenjalo. Wayengenakuyenza, ngokuba waye “ezalalwe esonweni, ebunjelwe ebugwenxeni, eze ehlabathini sele ethetha ubuxoki,” abe edinga isicamagushelo yena buqu.

⁴² Haleluyah! Kodwa kweza Omnye esuka kumasango oZuko; ingenguye wumbi, hayi umntu, hayi elungileyo indoda, engenguye umJuda okanye oweNtlanga. Wayengekuko nakuphi na okunganeno koNamandla onke uThixo, ezimele kweyomntu inyama. Weza, ngokwaKhe, ukuzakunikela ngelilelaKhe Yena iGazi, kuba Lalingezanga ngakwabelana ngesondo. Isondo lalingenanto yakwenza nayo. Kodwa Yena wagubungela intombi nto, waza wazisa iseli yeGazi Ayidalileyo, ngokwaKhe, Oyena umsulwa.

⁴³ Ngoko olwam usindiso, olwakho, ngokuhlwanje, aluxhomekekanga kwinzuzo yezethu izenzo. Luxhomekeke kolulungileyo oluzimele geqe ubabalo loNamandla onke uThixo nothe Wasinyulela kuYe. Ngokuqinisekileyo. Ndandingenakuze ndigqibelele, nawe ubungenakuze ugqibelele. Kwaye asibangi kuthi sigqibelele. Kodwa sinale intuthuzelo inye, yokuba, olwethu ukholo lumi kweligqibeleleyo iDini neselamkelwe!

⁴⁴ Ngoko sazi njani ukuba siyakufumana Oko? Xa umnquli ebeka izandla zakhe, ngokholo, phezu komzimba weNkosi uYesu, aze eve ububi besono, nonyeliso lwamathe ebusweni bakhe, eve izincwino zaseGetsemane, iintlungu zaseKhalvari, aze azi ukuba unetyala, aze avume izono zakhe ngokukuko, “Owu Nkosi eSikelelekileyo, ndingonetyala. Kwaye andinandlela yimbi kuphela nguWe omawundincele. Kwaye ngokholo. . . Uyacenga, uMoya oyiNgcwele, uzile wandicela ndize. Ndaye mna ngoku, ngokholo, ndamkela uYesu njengowam uMsindisi.” Obuya Bomi baphuma Kuye eKhalvari, bubizwa ngoMoya oyiNgcwele, nobabufihlwe kwiseli yeGazi leNkosi uYesu, bubuyela kumnquli buze bumbhaptize ngoMoya oyiNgcwele, bumfake eMzimbeni kaKristu.

⁴⁵ Kwaye Yena sele egwetyiwe. Akho mfuneko yakuxhalaba ngomgwebo. Njengokuba ndijika ndijonge kulowa mncinane umnqamlezo, ndiyaqonda ukuba le yi. . . imele owaKhe

umzimba. Ke ngoku lamzimba sele ugwetyiwe. UThixo akanakuwugweba ngobulungisa kwakhona, ngoba sele ugwetyiwe. UThixo wawisa izigwebo zokufa phezu kwalamzimba. Kwaye okoko nje ndingafumana indlela yokuzinyeliswa kulamzimba! Isigwebo saKhe sawiselwa mna nawe. Sikhululekile! AmaRoma 8:1, athe, “Ke ngoku akusekho kugwetywa kubo abo bakuKristu Yesu, abangahambiyo ngokwenyama, kodwa ngokoMoya.” Nantso ke, akukho kugwetywa! Andikhathali nokuba kuza ntoni okanye kuhamba ntoni, uzinyeliswe phantsi kweGazi.

⁴⁶ Kwakhona, singena njani kulaMzimba? KwabaseKorinte Bokuqala 12:13, kuthiwa, “NgaMoya mnye!” Uza njani ke uMoya? Ngalo iDini. Ubukade uphi uMoya? Phakathi eGazini. Kutheni isilwanyana singakwazanga ukubuya? Ibisilwanyana. Owesilwanyana umoya ubungenakukwazi ukuza kowomntu umoya uze wenze nto kuwo, ngoba owomntu umoya wawukumgca ongentla wobomi kunesilwanyana. Kodwa kwakungekho moya wamntu wawunokubuya. Ukuba nomoya wasinyanya sithile, yimimoya. Kodwa uThixo ngokwaKhe weza, ukuze OngowaKhe uMoya, nongoyena ukumgca ongentla umoya okhoyo, ubenako ukubuya ngesimo sobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, uze kumnquli, ngalo iGazi likaKristu, aze amngenise eMzimbeni. Ukhuselekile!

⁴⁷ Bukela. Igazi leenkunzi zeenkomo neleebhokwe lalingenakusebenza, kwakubonakala ukuba lalibuthathaka. Ngoku masiqale ukufunda, malunga nowe-12 umqolo. Kulungile. Igazi leenkunzi zeenkomo neleebhokhwe lalingenakusebenza, kwaye lalingenako nokucamagusha. Bukela.

Kodwa lo umntu, (Owuphi uMntu? Ubhishop? Haiyi. Upopu? Haiyi) . . .

Kodwa lo umntu, emva kokuba e . . . esondeze idini lalinye ngenxa yesono naphakade, wahlala ngasekunene kukaThixo;

Ukususela ngoko elindele zide iintshaba zakhe zenziwe isihlalo seenyawo zakhe.

⁴⁸ Senilungile? Senililungele iLizwi? Mamela Oku, ngoko ndifuna ukuba niYiyeke izike. Phulaphulisisa.

Kuba ngedini elinye (hayi unyaka nonyaka, hayi imvuselelo emva kwemvuselelo, hayi intlanganisano emva kwentlanganisano, hayi umhla emva komhla) . . .

Kodwa ngamnikelo mnye ubenze b-a-g-q-i-b-e-l-e-l-a (bazenze? Yena ubenzile!) . . .

. . . ngamnikelo mnye ubenze bagqibelela (leyo yimfuno kaThixo) ngokungapheliyo abo bangcwaliswayo.

⁴⁹ Nako apho ukhoyo. Leyo yimpendulo yokufa kukaKristu. Leyo yimpendulo kwiKhalvari. Yena ngokuqinisekileyo, ngelilelaKhe Yena iGazi, wathenga izono zethu, waze wagqibelelisa ngokungapheliyo, awaKhe amakholwa. Ngoko, kuKristu simi singenakusoleka, sigqibelele eBukhloneni boThixo onaMandla onke. Singabacuthelwe ilungelo abantu, ngenxa yezizezethu iimfundiso; sonke safundiswa ukuba kumele ukuba sinyukele kwethile indawo, simelwe kukwenza nto ithile. Hayi, mzalwane wam, asikuko oko ukwenzileyo; koko uThixo akwenzele kona! Thina ngoko, ukuba sigwetyelwe ngokholo, sigqityelelisiwe ngokungenasiphelo eBukhloneni bukaThixo.

⁵⁰ Waza uYesu wathi, “Yibani ngaba gqibeleleyo.” Kwaza, kwagqityelelisa naphakade. UThixo, ngako ukufa kukaKristu, kwishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, namhlanje, wagqibelelisa ikholwa, Awayelibone phambi kokusekwa kwehlabathi, naphakade. Kwaye abo wathi Wababiza, Wabagwebela. “Abo wathi Wabazi kwangaphambili, Wababiza; abo wathi Wababiza, Wabagwebela; abo Wabagwebelayo, usele ebazukisile Yena.” Uwagqibelelile amakholwa Akhe!

⁵¹ Ngoku khangela, masibuyele ngoku kowoku-1 umqolo.

...umthetho unesithunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo ezizakubakho, ungenaso sona isimilo sazo ezonto, awuze ubenako ngaloomadini bawasondeza iminyaka ngeminyaka ngokungapheliyo umenza lowo usondelayo agqibelele.

⁵² Qwalasela “ukugqibelela,” kuko esithetha ngako.

Kuba ngoko wona ange engayekwanga na ukusondezwa? ngenxa yokuba lowo ukhonzayo ehlanjululwe nje kwaba kanye ebengasayi kuba saba nasazela sasono.

⁵³ Uthetha ukuthini? Igama elithi isazela phaya, kwaye echanekileyo, ingcaciso, ithi “umnqweno.” Kwaye ukuba umntu uyeza, lowo ukhonzayo, ngokukuko, phambi koKristu, ebona ukuva kwaKhe ubunzima, aze azinikele kuKristu, aze athi, “Owu Nkosi Thixo, akukho kwanto kum enokucamagusha, kodwa ngokupheleleyo ndixhomekeke kuWe,” ngoko laMoya uyiNgcwele uze kwintliziyi yomntu, uze loombuzo wesono uzinziswe naphakade, kuba wonke umnqweno wesono ususiwe kuwe. Ngoba ukuba umthetho ubunokuyenza lonto, loomadini bekungasayi kubakho mfuneko yokuba ayekwe; kodwa ngenxa yokuba ayengenako ukuyenza, uKristu kwafuneka afe, ukuze asenze sigqibelele.

⁵⁴ Zihlobo, zininzi kakhulu izinto ebe sinokuzithetha ngokuhlwa nje, malunga nengqibelelo. Thina sithe gqolo sizama ukukhupha iliso lomnye, ukuze sizenze ngewelana kunabo—

kunabo. Kodwa ukuba nje besinokukhangela emfanekisweni, kungobabalo lukaThixo kuphela ukuba sibeyilento siyiyo.

⁵⁵ Apha ngaxa lithile elidlulileyo, e-Ohio, ndafunda isifundo ngendlela enzima. Ndandinomhlangano ezantsi e-Ohio, ndaye ndandihlala ezantsi emaphandleni. Ngenxa yezihlwele, ndadingenako ukuhlala edolophini.

⁵⁶ Sasisidla kwencinane yamaDunkard ivenkile yokutyela. Babenabathandekayo abancinane abancedisi, kwaye benxibe ndilisekileyo, futhi becoceke kangangoko benokuba nako, benobunenekazi kakhulu, besiphakela. Kwakuyindawana yezulu, ukutyela kwenjalo indawo. Ikhithshi labo laliqoqwe ngokusesimeni. Kwaye ngeCawa babevala baze baye kweyabo inkonzo. Ndandibulamba, ndandiza kushumayela ngeCawa emvakwemini.

⁵⁷ Ndaza ndaya kweqhelekileyo encinane... eyesiqhelo nje yaseMelika ivenkilana yokutyela, ukuya kufuna into etyiwayo. Ndaza xa ndingena emnyango, ndeva ntoni ingenguwo umatshini wokungcakaza uduma! Kwaye kumi phaya indoda engaka ngam ubudala, nendicinga ukuba mhlawumbi yayitshatile, nengalo yayo igone umfazi, bedlala umatshini wokungcakaza. Ongowethu umthetho, ukhuselo lobulungisa bethu, olwempahla yethu, wawumi phaya uxhaphaza lento bekumelwe ukuba uyikhusele. Ngoba, akukho mthethweni ukungcakaza e-Ohio, ukudlala abomatshini.

⁵⁸ Ndaza ndajika ndajonga ngasemva kwesakhiwo, nalo igquba lasafikisayo amakhwenkwana, kunye nawakudala we-rock-and-roll amacwecwe kumatshini, edlala. Intwazana enamalunga neshumi elinesibhozo leminyaka ubudala, eqingqeke kakuhle kakhulu ngokwasekumileni njengomfazi. Kodwa wayemi phaya enelokhwe yakhe ijingela ezantsi ngaphambili, ibe enye yalomakhwenkwe inesandla sayo kulontombazana, apho zingafanelekanga kubakhona. Baye betshaya futhi besela.

Ndaza ndacinga, "Owu Thixo, ungaze umelane njani Wena nayo?"

⁵⁹ Ndaza ndajonga ngaphaya ekunene kwam, xa ndeva othile esenza okukhulu ukuncwina. Kwaye nako kuhleli osele ekhulile umfazi, mhlawumbi amashumi amathandathu eminyaka, okanye amashumi asixhenxe ubudala. Waye eneziya zincinci zakudala zingekho sesimilweni iimpahla, nje malunga nesiqingatha ukunyuka ngamalungu akhe, nosizana lwendala eshwabeneyo inyama yakhe yaye iyekelele kangangoko inako. Waye enayo apha naloomilebe iqatyiweyo, kunye nento enkulu elubhelu kwicala lobuso bakhe, eqatyiwe; efake nezihlangwana, iimbadada, enezilubhelu iinzipho zeenzwane, ziqatyiwe; ezimfusa iinzipho zeminwe, ziqatyiwe. Neenwele zakhe zinqothulwe zamfutshane ngenene, ziqothole ukuya phezulu, zaze zadyojwa luhlaza. Ndaza ndamjonga.

⁶⁰ Kwabe ukunqamleza itafile kuhleli amadoda amabini, enxilile. Omnye wawo (kwakusehlotyeni) enenkulu endala idyasi yomkhosi, nesikhafu esingwevu sijijelwe entanyeni yakhe, namabhovu egwele ubuso bayo, eqhubeka ekhutywa. Baza bacela ukukhe bathi gu, indoda yenjenjalo, bamshiya, baqala ukuhamba baphuma *kanje*, ukuya ngase.

⁶¹ Ndema phaya. Ndaza ndathi, “Thixo, kutheni nje Ungavele uyitshabalalise yonke lento? Kutheni Ungavele nje uyizikisele ngaphantsi komhlaba?” Ndathi, “Ingaba abam abancinane uSarah noRebekah kuzakufuneka bakhulele phantsi kwemikhwa enjeya?” Ndathi, “Kwenzeka njani ukuba Wena, Thixo, kobaKho obukhulu ubungwele, uze umelane nokujonga kwinto enjeya, uze ungathumeli inyikima ukuba iyizikise?”

⁶² Ndaza njengokuba ndandimi apho, ndimgweba umfazi, njengokuba ndandisenza, ndathi gwiye emva kocango. Ndeva uMoya kaThixo usiza kum, ndaza ndegwiye emveni kocango.

⁶³ Ndaza ndabona okubusitshingitshane. Yaza xa yabakhoyo, embonweni, yayilihlabathi lijika ngokujikeleza lijikeleza. Ndaze ndisaqwalasele, kurhangqe ihlabathi kwakukho umgca obumvu, ujikeleze ihlabathi. Ndaza njengokuba ndisiza ehlabathini, ndazibona mna, ndiyinkwenkwana nje, ndisenza izinto ebendingafanelanga kuzenza; mhlawumbi hayi *kanjalo*, kodwa yayisisono. Kwaye qho ndisenza nantoni na, ndabona eliya likhulu limnyama ithunzi lisiya ngaseZulwini. Nto leyo, uThixo ngewandibulala ngawo loomzuzu.

⁶⁴ Ndaza ndabona kumi phakathi kwam noThixo, kumi eliya ligqibeleleyo iDini. Ndambona Yena emi apho enameva entlokweni Yakhe, kunye namathe ejinga ebusweni baKhe. Kuze ngalo lonke ixesha izono zam ziqalisa ukuya ngakuThixo, Yena wayeye asondele azinqakule, njengesingqubekiso esisemotweni. Wayekhusela mna ukuze ndingafi. Kwaye ngalo lonke ixesha ndisenza into engalunganga, uThixo ngewandibulalayo. Ngokuqinisekileyo, oBakhe ubungwele bufuna ngolohlobo. OwaKhe umthetho ufuna kanjalo. Kwaye maxa onke ndisenza nantoni na, okanye wena usenza nantoni na, iGazi likaYesu Kristu lima njengesingqubekiso. Ndaza ndabona ukuba lamgca ubomvu wawuthetha oko, ngoko ke, okokuba iGazi lisawubambile umhlaba.

⁶⁵ Nanjengoko ndandimile, ndijongile, ndaba nokusondela kancinane kuYe njengokuba ndimqwalasele Yena. Ndaza ndabanokumva Yena esithi, “Bawo, mxolele, akakwazi oko akwenzayo.” Ndaza ndajonga phantsi, kwaye nako kuhleli incwadi. Kwaye kukho iNgelosi eshicilelayo phaya, yona imi ecaleni kwaKhe. Ize ngaxesha lonke ndisona, bekuye kubhalwe encwadini. Negama lam lalikuwo. Ndaza ndaqonda ukuba ngenye imini, ndi . . . lamgca weGazi uyakususwa kuze kufuneke

ndime eBukhloneni bukaThixo, kunye nobomi bam obunezono. Kodwa, ndabona, ngenceba Yakhe Wayethintela umgwebo wam.

66 Ndaya kuYe, ngokuzithoba. Ndaguqa ngamadolo am, ndaza ndathi, “Owu Yesu, Wena Nyana kaThixo, andifanelwanga kukungena kobaKho uBukho. Kodwa Ubungenakukhe uncede undixolele ngako oko ndikwenzileyo?”

67 Wachukumisa icala Lakhe ngesandla saKhe, wathabatha loncwadi indala waza wabhala “uxolelwe” kuyo, wayigibisela emva kwaKhe, zaba izono zam zimkile! Waza Wandijonga, ntsho ebusweni, Wathi, “Ngoku Mna ndikuxolele wena, kodwa ufuna ukumgweba yena.” Ngoko ndabona oko ikuthethayo.

68 Ndakuba ndiphumile embonweni, ndahamba ndaya kuye. Ndathi, “Kunjani?”

69 Wayesela. Waqwanya endijonga, waza wathi, “Owu, molo.”

Ndathi, “Ndingahlala phantsi?”

Wathi, “Andindedwanga.”

70 Ndathi, “Anditsho ngalondlela, nenekazi. Ndifuna nje ukuthetha nawe, umzuzu.”

Wathi yena, “Hlala phantsi.”

71 Ndaza ndathi, “Nenekazi, nje kwimizuzu embalwa edlulileyo, ndimi ngaphaya emva kolwacango...” Ndaqalisa ukumxelela. Ndaza xa ndiqala ukujonga, iinyembezi zaziqalisa ukuhla ngezidlele zakhe. Waza wandixelela...ndathi, “Nenekazi, awufuni kuzenza ezi zinto. UYesu wafa, kwaye imigwebo kaThixo ibanjwe liGazi laKhe. Awufuni kuzenza ezi zinto.”

72 Waza wathi, “Hayi, mhlekazi.” Wathi, “Utata wam wayengumdikoni ebandleni. Ndakhuliswa kwikhaya lobuKristu. Umyeni wam nam sasingamalungu okuqala, kwaye siphila ubomi bobuKristu.” Waqalisa wandixelela, emva koba eswelekile...Wayeneentombi ezimbini eziselula, waza wayishiya indlela. Nendlela amantombaza amshiya ngayo, waza wabulahla obakhe ubomi. Waye ecinga ukuba akusekho themba kuye.

73 Kodwa ndathi, “Thixo, yiba nenceba! ‘Abo Wabaziyo kwangaphambili, Wababiza.’”

Wathi, “Ingaba unguMhlonitshwa uBranham, osuka ezantsi phaya?”

Ndathi, “Ndinguye.”

74 Wathi, “Ndineentloni ngesiqu sam, ukuba ndihlale apha ngoluhlobo.” Wathi, “Ingaba ucinga ukuba ndinganalo ithuba?”

75 Ndathi, “uYesu uvule iingalo zaKhe, elinde wena ukuba uze, nenekazi.” Nabanye abantu baqalisa ukuthabathela. Ndaza ndathi, “Ubungenako ukuba ukhe uphume apha kulomgangatho kunye nam?”

Wathi yena, “Ndiyakwenjenjalo, mhlekazi.”

⁷⁶ Ndaza ndambamba ngesandla. Ndathi, “Umalunga nobudala bukamama wam. Ubungenako ukuba uguqe nam apha, emgangathweni phantsi?” Saza apho emgangathweni, sayiqhekeza landawo ngalanjika langa, sayenza lowa wakudala umhlangano. Waza uThixo wamsindisa loomfazi, ngobabalo lwaKhe. Wazinxibisa weza emhlanganweni, kwaye, ngokokwazi kwam, uphila obobuKristu ubomi ngokuhlwanje.

⁷⁷ Iyintoni? Owu, uThixo ufuna ingqibelelo! Ufuna inguquko yakho. Ufuna okwakho ukuthembeka kuYe. Kodwa Ujongile ngokuhlwanje. Akukhathaliseki nokuba wone kangakanani na, kancinci okanye kangakanani, usengumoni, kwaye awunakungena nangayiphi na eyenye indlela kuphela ngoYesu Kristu, elikaThixo elanele konke iDini. Kwaye kuYe ugqityelelisiwe ngokungenasiphelo. Yicinge! Asiyonto uyenzenayo. Asingomaphepha matsha owatyhilayo. Ayibobomi butsha ubuqalayo. Kukuvuma kwakho isiphoso sakho, kunye nolukaThixo ubabalo kuwe. Oko kukuzisa kwingqibelelo, uze ke ngoko ugqityelelisiwe kuYesu Kristu.

⁷⁸ Ndiyathemba, ngokuhlwanje, mhlobo wam, logama silapha kwelinjena ukuceketheka ixesha ngoku, xa izigqibo kufuneka zenziwe kwakuba kuwiwe elibali. Usenokuba awuzange waliva ngaphambili. Kodwa awunakuphuma ngomnye walaminyango usengulamntu ubungene unguye, umelwe kukuphuma ungcono okanye ugqithisile.

⁷⁹ Kwaye ngelilixa sithobisa iintloko zethu nje okwethutyana, ndifuna ukuba ucinge ngamandla malunga nayo. Nxa yiphi ngomphefumlo wakho kusihlwa nje? UYesu Kristu wakufela.

⁸⁰ Uthi, “Mzalwane uBranham, xa ndinokuyeka ukutshaya, xa ndinokuyeka ukusela, xa ndinokukhe ndilungise le into, ndiyakuyenza.” Owu, ayisokuze ilungiseke. Awunakuze ukwazi ukuyenza. Kutheni ungavele nje uze ngalendlela uyiyo? Uze, ngokholo, uye kulaMlambo, amanxeba akho ophayo ayawuzalisa, luze oluhlangulayo uthando lubengumxholo wakho, kubenjalo de ubhubhe.

⁸¹ Kutheni uthatha umtshintshiselwano? Kutheni ufuna ukungena ngebandla lakho? Kutheni uzama ukungena ngoba uyeke ukusela okanye uyeke ukuxoka? Yiza ngendlela yengqibelelo! “Kuba, ngeDini elinye, Yena wabagqibelelisa ngokungenasiphelo abo bangcwalisweyo.”

“Ndingcwaliswa kanjani?”

⁸² Xela izono zakho eBukhloneni beGazi likaYesu; buze uBomi obuphuma kwelaGazi, bubuyele kumnquli, buze bumngcwalise kwiminqweno yezinto zehlabathi. Kuba, ngalo elo lanele konke iDini, Wasingcwaliswa; ngaMoya mnye, sonke sibhaptizelwe Mzimbeni mnye. “Ngoku akusekho kugwetywa kwabo bakuKristu Yesu, kwabo bangahambi ngokwenyama,

kodwa ngoMoya.” Ukuba uzama ukuhamba ngokoMoya, ube usakhanukelela inyama, iDini alikaqatywa ngokwaneleyo kuwe. Kodwa lowo unqulayo akuba ehlanjululwe, akasenamqweno wasono.

⁸³ Leyo yayiyiKhalvari. Ayisiyiyo indawo yokuthengisa iintyatyambo, okanye indawana yokwenza *oku nokuya*. Yayiyindawo apho uThixo nomntu baxolelaniswa khona. Yabayindawo apho uxolo nokhuseleko olugqibeleleyo lwathi lwaziswa kuluntu. Ubungenakukhe uhambe nam, ngokuhlwa nje, mhlobo wam ongumoni, siye eKhalvari, size ngokholo siqabe eliGazi kongowakho umphefumlo, size siyekele uMoya oyiNgcwele uze ukungcwalise ngelaKhe elikhulu iDini?

⁸⁴ Phambi kokuba sithandaze, ubungenakukhe uphakamisele isandla sakho kuThixo, uze uthi, “Yibanenceba kum, Thixo. Mna ngoku ndivuma zonke ezam izono, ngabo obu boLungileyo ulwesiHlanu ubusuku. Kwaye ndiyakubulela ukuva ubunzima okukhulu awathi uKristu wakwenza ngenxa yam. Ngoku ndincama eyam intando, ezizezam iinjongo nako konke, ukuze ndiKulandele susela namhla, ukuya phambili.” Ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, “Ndikhumbule, Mzalwane uBranham, emthandazweni. Eso sisigqibo sentliziyo yam?” Ingaba ukho nawuphi, ngobu bukhulu ubusuku, njengokuba sisalindile okomzuzwana? Ngapha kwicala lam lasekunene apha, ngokuqinisekileyo ukhona malunga naphaya. Ingaba unazo iintloni ngezono zakho? Unazo iintloni ngoko wakwenzayo?

⁸⁵ Ihlabathi ngokuhlwanje likhangela amagorha. Kwaye linawo amagorha, xa sithetha ngeziphathekayo.

⁸⁶ Ngomnye umhla ngaphaya eSwitzerland, xa iSwiss Switzerland yayisesichengeni, elo lincinane iqela lamaSwiss athi aqokelelana ngaphandle emabaleni, ukukhusela—ekhusela uqoqosho lwawo. Omkhulu umkhosi ozayo ubongamele; bonke babeqeqeshiwe, benemikhulu imikhonto namakhaka. Ama-Swiss ayengenanto iyenye yakwenza kuphela ikunikezela. Babexinelwe entabeni emva kwabo. Kwaza kwakho igorha elathi gqada phandle. Othile kwakumele afe. Kwaye ukuba baboyisiwe edabini . . .

⁸⁷ Babengenanto kuphela ingamadala amarhengqe, namatye, iintonga, ukuze balwe ngazo. Xa, ozayo umkhosi wawukhangeleka njengodonga lwezitena. Ukuba babenokuthathwa, abo bathandekayo abafazana babo babeya kuxhatshazwa, amantombazana abo aselula ebeya kuxhatshazwa, iintsana zabo zaziyakubulawa, iintloko zazo zaziya kuzqajuzwa, baphulukane namakhaya abo, kulahleke yonke into.

⁸⁸ Ngoko kwakukho indoda, egama layo lilityalwa kamsinya, igama layo lingu-Arnold von Winkelried. Wathi gqada

phambili, wathi, “Madoda aseSwitzerland, namhla ndiyanikela ngobam ubom ngenxa ye-Switzerland.” Wathi, “Ngaphaya nje kwalentaba kukho ikhayana elimhlophe. Ndinomfazi nesithathu sabantwana abandilindileyo. Kodwa abasayi kuphinda bandibone kwakhona, ngoba, namhla ndinikela ngobam ubomi ngenxa yeSwitzerland.”

Bathi bona, “Yintoni na oyakuyenza, Arnold von Winkelried?”

⁸⁹ Wathi yena, “Ndilandeleni, nize nenze kangangoko ninako ngako oko ninokwenza ngako.”

⁹⁰ Wakhangelana phezu komkhosi lowo de wafumana okona kuxinana kwemikhonto. Waza waphakamisela phezulu izandla zakhe emoyeni, wabaleka esiya kolwadonga lukhulu lwemikhonto, kwaye ekhwaza, “Vulelani inkululeko indlela! Vulelani inkululeko indlela!” Ikhulu lemikhonto laganga uhlaselo lwakhe; wavula iingalo zakhe wayiqokelela yonke esifubeni sakhe, neyathi yamngcuthela phantsi, waza wafela eziphelweni zalomikhonto. Loo maSwiss amlandela enamabhunguza neentonga. Eso senzo sibonisa obukhulu ubugorha sawusakaza loomkhosi, de amaSwiss awubetha waphuma emhlabeni wawo. Kwaye abazange baphinde babenamfazwe sukela lomini, kunangoku.

⁹¹ Yima eSwitzerland uze ubize igama likaArnold von Winkelried, uyakubona iinyembezi zisihla ngezidlele zabo. Kutheni? Wasindisa ilizwe labo. Eso yabasesikhulu isenzo sobugorha. Asifane sithelekiswe nesinye, kwaye asizanga sodlulwa, emhlabeni apha.

⁹² Kodwa, owu, yayiyinto encinci kunaleyo yenzeka ngenye imini! Xa uhlanga luka-Adam lwema, amademoni esiza macala onke, abaprofeti besilele, umthetho usilele, amadini eenkunzi zeenkomo nezimvu ohlulakele, imvelo yomntu yohlulakele, yonke into. Lwaza uhlanga oluncinane lukaAdam lwema, loyisakele; begutyungelwe ngamadimoni, iinkolelo, izigulo, izifo. Kwabakho waMnye owathi gqada eZulwini, waza wathi, “Namhla ndizakulufela olukaAdam uhlanga.” Weza emhlabeni waza wenziwa inyama. Wakhangelana kanye ezantsi apho isizikithi semikhonto sasimnyama. Eyona imnyama kwezazisoyikwa ngabantu yayikukufa, waza Wathabathela ukufa esifubeni saKhe. Waza eKalvari Wahlawula idini, wamemeza, “Vulani indlela yeNkululeko!”

⁹³ Kwaye Uyamemeza kwelaKhe iBandla, “Thabathani Oku ndinishiyele kona, iGazi Lam noMoya Wam, nize nilwe nangantoni na eninayo.” Singoyisa ngokuhlwa nje, ngako Oko, sihlobo. Unako ukumkhupha umtyholi asuke kuwe. Lonke oludala utshaba elisebomini bakho, lunako ukukhutshwa ngeGazi kunye noMoya kaKristu, uze ubenako ukuma uqgibelele eBukhoneni baKhe. UKristu wenze indlela!

94 Ubungenakukhe wenze okungangokuba uphakamisele ingalo yakho kuYe, uze uthi, “Ndixolele”? UThixo akusikelele, mzalwane. Wumbi ongomnye, “Yibanenceba kum, Thixo, ngoku mna ndivuma iziphoso zam”?

95 Ingaba kukho malungu ebandla athile adikidiki ahamba inkonzo yonke imihla, baze mhlawumbi bazame ukuthembeka kangangoko benako, kodwa noko nisazi ukuba lamsindo neyantlukwano, nokuzingca, nemikhwa ikunamathele ikwehlisa de ungabinalo uloyiso? Ubungafuna ukucocwa liGazi, ngokuhlwa nje, kuko konke okuya? “Kuba umnquli akuba ehlanjululwe akasenawo umnqweno...” Ungathanda ukuphakamisa isandla sakho, wena lungu lebandla? UThixo akusikelele, nenekazi. Phakamisa izandla zakho uthi, “Mzalwana uBranham, ndikhumbule emthandazweni.” UThixo akusikelele, nenekazi. Injalo lonto. Oko kuyinene... Kuyinto eyinene yokwenziwa. UThixo akusikelele emva phaya, mhlekazi.

96 Wumbi othile phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndenzele inceba, Thixo. Ndiyazi ndizibiza ngobuKristu, kodwa andibuphili. Ndiyazi ukuba andenzi njalo. Kwaye entliziyweni yam, andilungisanga kuWe konke-konke. Ndifuna ukuba ngomnye wabakaThixo abanyulwa. Ndiva entliziyweni yam ukuba ndinjalo, kodwa andizange ndiyibekele bucala imithwalo enokundirhawula ngokusisisulu. Kwaye ndifuna ukuyibekela bucala ngokuhlwanje. Ndaye, ngolukaThixo ubabalo, ndizakwenjenjalo. Ndithandazele.” Awunakukhe uphakamise isandla sakho? UThixo akusikelele, nenekazi. Omnye othile. Nje kancinane, sisalindile.

97 Ngelilixa sisalinde ngokuzola, wonke umntu ngoku enentloko zithotywe emthandazweni, ngokuzolileyo ngqumshelani lena ngoku.

Kukho iThende elizele liGazi,
Elitsalwe kumthambo ka Imanuweli,
Naboni abafakwe phantsi kwe...
Baphulukana nalo lonke elobutyala ibala,
baphulu...

98 Awunakukhe uyicingisise nje ngoku? Musa ukuzama ukuyihlamba isuke. UKristu usesandleni sakho.

99 UPilato wakuzama oko, ngalentsasa, malunga nentsimbi yesithandathu; kodwa izandla zakhe zisenegazi, eletyala igazi. Niyayazi ukuba kwenzeka ntoni kuye. Wenyuka waya eSwitzerland, kwiminyaka emininzi kamva, washiywa zingqondo, wazintywiliselela ukubhubha echibini lamanzi. Ngale ntsasa, eSwitzerland, amakhulu abantu baye beze kubukela lomboniso, aluhlaza okwesibhaka-bhaka amanzi aye abile ukusuka ngaphantsi kwalamngxuma mkhulu wamanzi. Bayenza lonto minyaka le. Libali elidala, kuthiwa uThixo wawalela amanzi ukuba azicoce izandla zakhe.

¹⁰⁰ Mzalwane, akukhathaliseki ukuba ubhaptizwe amatyeli amangaphi na, nantoni na ozama ukuyenza, akukho nto iyakuzicoca izandla zakho kuphela liGazi likaKristu. UThixo wawalela. Aze loomanzi aluhlaza, emva kweminyaka engamawaka amabini, phantse, asabila. UThixo wawalela. Obakho ubulungisa abunako ukucoca izono zakho. Akho yimbi kuphela liGazi likaYesu! Cinga ngayo ngoku. Sizakuthandaza, nje okomzuzwana.

¹⁰¹ Andazi noba ndingabuza nto ithile na ngokuhlwa nje. Xa Yena wema phaya kwiholo kaPilato yokugweba, ngale ntsasa, waza wathi, “Ukuba Obam ubuKumkani ibibobeliphakade, bendiyakuthetha noWam uBawo aze ngesaqophe Athumelele Mna ishumi elinambini lamabutho eeNgelosi.” Xa, ibinokuthi inye kuzo ilitshabalalise ihlabathi. “Bendiyakuthetha naYe, lize ishumi elinambini lamabutho eeNgelosi libe lapha kanye ngaKum.” Ngewayenzayo lonto. Kodwa Wema phaya, elulamile kwaye ethobekile, ukuze athabathe ukufa kwakho aze athabathe nezono zakho.

¹⁰² Ingaba ungabanawo umbulelo owaneleyo ngenxa yelaDini ngokuhlwa nje, nina nilidingayo, nabadinga ezikaThixo iintsikelelo, aninakukha nime ngeenyawo ngenxa yalo umthandazo? Yima nje ngeenyawo, nina nifuna ukukhunjulwa kulomthandazo, nisithi, “Thixo, yibanenceba kum. Ndinetyala, ndenze izinto ngokungekuko, ndaye ngoku ndifuna ukwamkela uxolelo lwam ngoKristu uYesu.” Awunakukhe ume ngeenyawo ngeli ixesha? UThixo akusikelele, nenekazi lincinci. Oko kukukhalipha. Qhubeka nje umi apho.

¹⁰³ Ufuna ukundixelela ukuba ubuphakamise isandla sakho, uze ngoko ungabinakunyaniseka kwaneleyo bokuba ume ngeenyawo? Kulunga kuni iVangeli eyakha yakwenzela kona? Owu, okunje ukudlala ngebandla, ukudlala ngoThixo! Iyure isele isondele, ngenye yezi iimini ibhombo ye-athomi iyakubetha kwalapha ndaweni ithile, kwenye yale mikhulu imizi-mveliso yomgubo. Akusayi kubakho nelincinane ithuba lakuyicingisisa. Kuya kuba semva kwexesha ngoko, kwaye mhlawumbi phambi kwePasika ezayo, okanye nakule iPasika. Akunakukhe ume ngoku, uthi, “Thixo, yibanenceba kum, mna moni. Ngoku ndamkela uKristu, ngokoMnikela njengesicamagushelo sezono zam. Kwaye ngolwaKhe ubabalo, kwaye olwaKhe ubabalo lodwa, ndihlala eBukhoni bukaThixo.” Awunakukhe uvume isiphoso sakho? Lowo uzifihlayo ezakhe izono akayi kubanampumelelo. Lowo usivumayo esakhe isono, ufumene inceba. Ixhomekeke kuwe. Yena ujongile.

¹⁰⁴ Ngoku, Nkosi yethu eNgcwele, kwelabiweyo inani ngokuhlwanje kumi emithathu ezisolayo imphefumlo, inye indoda nabafazi ababini.

¹⁰⁵ Njengokuba ndicinga, Nkosi, ngeKhalvari, xa omnye kwelinye icala, wathi, “Nkosi, ndikhumbule xa Ufika kobaKho ubuKumkani”; omnye wathi, “Ukuba unguYe, sibonise umangaliso, sothule emnqamlezweni uze Uzisindise.” Kanti omnye wathi, “Thixo, yibanenceba kum.” Yaza intloko Yakho yaguqukela ekunene, waza wathi, “Kwanamhlanje wena uyakuba naM eparadesi.” Kodwa Wathi cwaka komnye lo, kuba kwakungekho nguquko.

¹⁰⁶ Kwaye, Bawo Thixo, ndiyathandaza ukuba aba mhlawumbi...ndizakuthemba ukuba kuphela kwabo bobathathu esakhiweni, abaziva ngathi kufuneka bevume iziphoso zabo. Kodwa bona beze kweyanele konke indlela, eyiyindlela yomnqamlezo. Baxolele, Nkosi, uze ubasikelele. Bem i apha ngokuhlwanje; njengokuba Wena wabamelayo, kwiholo kaPilato yokugweba; njengokuba Wena wabamelayo, phakathi kwamaZulu nomhlaba, xa ilanga lathi latshona nenyanga ayakunikeza ukukhanya kwayo, laza nekhusele letempile lakrazuka ukusuka phezulu ukwehla. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Wena ubasikelele uze ubanike kwezaKho iinceba, uze ubacoce ngelaKho iGazi. Ubabhaptize ngawaKho angcwalisayo Amandla, eMzimbeni WowaKho uNyana, uKristu uYesu, ngoko bagcinelwe ixesha noNaphakade. Sikelela abanye abaziva ngathi balungile, ukuba sele bedibene noku benza njalo. Ndithandazela le ntsikelelo kubo, ngelikaKristu iGama. Amen.

¹⁰⁷ UThixo anisikelele. Nani nina nimi sondeleyo kwabo baphakamileyo, fikelelani nize nixhawule izandla zabo, mntu uthile, nize nithi, “INkosi ikusikelele,” ilungile lonto, njengesandla sobudlelwane.

¹⁰⁸ Ngoku sishiywe nje kancinci lixesha kwiinkonzo zethu. Bangaphi abayithandayo iNkosi uYesu, phakamisa isandla sakho? Ndiyafunisa, ngokuzola ngoku, okanye nje cwaka kangangoko sinako, okwesikhumbuzo saLowo Ukho kwindawo zonke, olapha ngokuhlwanje, ukuba besinokuculela phantsi.

Ezantsi emnqamlezweni apho uMsindisi wam wafayo,
Ezantsi phaya ukwenzelwa ukucocwa esonweni ndakhala;
Phaya entliziyweni yam (xa wafeza yonke infuno, wabeka izandla zakho kuYo), phaya entliziyweni yam iGazi laqatywa;
Owu, uzuko kweLakhe iGama!

Masiculeleni phantsi ngoku, njengokuba siMthobela iintloko zethu.

Ezantsi emnqamlezweni apho uMsindisi wam wafayo,
Ezantsi phaya ukwenzelwa ukucocwa esonweni ndakhala;

Phaya entliziweni yam iGazi laqatywa;
Uzuko kwiGameni Lakhe!

Uzuko kwiGameni Lakhe, elinqabileyo
iGama!

Uzuko kwelaKhe elinqabileyo iGama!
Phaya entliziweni yam iGazi laqatywa;
Uzuko kwiGameni Lakhe!

¹⁰⁹ Ngoku ngokuzolileyo, neentloko zenu zithotywe. Nina nisindisiweyo, yithani, “Owu...” Phakamisani isandla senu ngoku.

Owu, elinexabiso Ithende elisindisa esonweni!
Ndivuyela ukuba ndingenile;
Apho uYesu uyandisindisa andigcine
ndicocekile;
Uzuko kwiGameni Lakhe!

Uzuko kweLakhe elinqabileyo iGama!
Uzuko kweLakhe elinqabileyo iGama!
Phaya entliziweni yam iGazi laqatywa;
Uzuko kwiGameni Lakhe!

¹¹⁰ Ngoku nezandla zenu zithotywe, iintloko zenu ziqutyudiwe. Bendikhe ndacinga; umntu othile undifowunele kwimizuzu embalwa edlulileyo, waza wathi kukho umntu ofuna ukukhunjulwa ngokuhlwanje emthandazweni, ngenxa yomzimba wabo. Abakhangela bakwazi ukubuyela enkonzweni kweyangeCawa ebusuku, kwenkulu inkonzo yempiliso. Aninakukhe nime ngeenyawo zenu, nina nifuna ukukhunjulwa kulamthandazo njengangoku?

...kweyam intliziyo iGazi laqatywa;
Uzuko kwiGameni Lakhe!
Uzuko kwe...

¹¹¹ Ngoku neentloko zenu ziqutyudiwe. “Wahlatywa ngenxa yezikreko zakho, walinyazwa ngenxa yobugwenxa bakho, ubetho lokuba ubenoxolo lwaba phezu kwaKhe, kwaye ngemivumbo Yakhe naphiliswa.”

Uzuko kwiGameni Lakhe!

¹¹² Ngoku, Bawo Osikelelekileyo, njengokuba sisiza ngokuzithoba emnqamlezweni ngoku, apho ubabalo nenceba zandifumana khona, apho eliGqamileyo iKhwezi loKusa linabisa imitha yaLo indirhangqe. Aba bagulayo bemi eBukhloneni baKho. Bayakholwa nje ngangoku, ukuba ngokholo, bajonga kuloomqolo unemivumbo, ngaphaya. “Kwaye ngemivumbo yaKhe saphiliswa.” Bawo oGqwese ngobuNgcwele, siza sivuma ukholo lwethu, sikholwa ukuba Wena uyayiphilisa egulayo imizimba yethu, ngako oko kukhulu ukusivela ubunzima kweNkosi uYesu. Kwaye sinikelela aba bantu bamileyo, umthandazo wokholo, owathi Wena

wathembisa ukuba uyakubasindisa abagulayo. Kwaye thina, sonke, siyimbumba yawaKho amakholwa ngokuhlwanje. Wena uthe, “Naphi na apho ababini okanye abathathu behlangene, Ndiyakuba ngowenani phakathi kwabo.” Kwaye sibacelela inceba, ukuze olwaKho ubabalo ngoku luchukumise ungaphakathi womphefumlo wabo, ukuze okuthile kubambebele okwe-ankile ezantsi enzulwini; ukuze bazi ukuba uKristu ulapha kwaye uthethile kubo, esithi, “Mntwana Wam, ndizithabathile izono zakho ngaphaya eKhalvari. Ngoku bekani nje onke amaxhala enu kuM, kuba Mna ndinikhathalele.” Kwaye banga bangaphila, konke kuphilisiwe, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹¹³ Kwaye njengokuba behlala phantsi ngoku, othile osondeleyo kubo, makabeke izandla zakhe phezu kwabo, nabani na obebathandazela bona. IBhayibhile ithe, “Bayakubeka izandla zabo phezu kwabagulayo; baze baphilisiwe.” INkosi mayisikelele.

¹¹⁴ Ukuba andiphazami, ingaba andijonganga kulandoda ibiphilisiwe apha kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, okanye iiCawa ezimbalwa ezidlulileyo, leyo ibisisithulu okanye okuthile ezindlebeni? Ndiyabona ukuba uwonwabele umhlangano ngokuhlwanje. Ingaba undiva kakuhle ngoku? Kuhle oko. Kuyamangalisa! Khawume nje ngeenyawo umzuzwana. Bangaphi abasamkhumbulayo elapha? Waza wadlula kungca wokuthandazelwa, bambuyisela eqongeni, yaza iNkosi yamphilisa yamenza walunga. Mayisikelelwe iNkosi! Enkosi, mzalwane, ngobungqina bakho. Ibisenkuba ngabaninzi! Kodwa ingaba Yena akamangalisi?

¹¹⁵ Ngoku, sifuna ukunibona ngokuhlwa kwangomso, kwangethuba. Kwakhona ngeCawa kusasa, kwangethuba. NgeCawa emva kwemini, kwaye ukuba ninako ukubuyela kwinkonzo yempiliso ngeCawa ebusuku. Side sihlangane, singakhe sime sicule iculo lethu lokwahlukana, “Thabathela kuwe iGama Lika Yesu.”

Thabathela kuwe iGama likaYesu,
Mntwana wentlungu nosizi;
Liyakukunika uvuyo nentuthuzel... (Jika
uxhawule izandla ngoku nomntu wonke.)
Lithathe naphi apho uya khona.


Gama Elihle, (jikeleza uze uxhawule izandla),
Owu, limnandi!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama Elihle, elexabiso iGama, Owu limnandi!
Limnandi!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

Ngoku jongani ngapha.

KwiGama likaYesu siyathoba,
 Sizandlale ezinyaweni zaKhe,
 UKumkani wookumkani eZulwini
 siyakuMthwesa,
 Xa uhambo lwethu luphelile.

Gama Elihle, Owu limnandi! Owu limnandi!
 Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
 Gama Elihle, Owu limnandi! Limnandi!
 Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

¹¹⁶ Ngoku khumbulani ikwayala yeNeville, isine esisasazwa ekuseni, i-WLRP, ngentsimbi yethoba. NekaMzalwane uStricker ingena ngomkhono phambi kweyeshumi, ngeCawa kusasa. Bendimenzela iteyiphu ngalemvakwemini, engovuko.

¹¹⁷ Kwaye ngoku, de sibuye sihlangane, iintsikelelo zeNkosi zibenani, njengokuba sithobisa iintloko zethu. Ndaye ndizakucela umhlobo wam olungileyo nomzalwana, uMzalwana Palmer, waseMacon, eGeorgia, ukuba andulule elibandla ngelizwi lomthandazo, ngelilixa sithandaza. Mzalwana uPalmer. 

INGQIBELELO XHO57-0419
(The Perfection)

UTHOTHO LWEE MVUSELELO ZEPASIKA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa wangoLwesihlanu wePasika, ngoEpreli we-19, 1957, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org